

UKUKHOHLAKALA KWESONO
NESOHLWAYO EKWAXABISA SONA
UKUSUSA ISONO KUBOMI BETHU



Enkosi, Mzalwana Thom. Awunakusinyusa sonke isandi saloo nto incinane yakho apho, ukuba unako. Ndiphantse ndaphuma ecaleni ukuhla kwam ndisiza apha ngokuhlwanje. Ndinomkhuhlane. Ndibe bendithembisile ukuba ndizakuba lapha. Ndaze ndathi kuMzalwana uNeville, ndathumela uMzalwana Cox ukuba enyuke amxelele. Ndathi, “Xeleta uMzalwana Neville ukuba aqhubeke ngenkonzo, kuba nditshe ilizwi kakhulu. Kunzima nokuba nditswine.”

² Waze wathi, wabuya esithi, “Kungcono unyuke, Mzalwana Bill. Ndiyakholwa ukuba iyakuba yinto elungileyo.” Ngoko, ndi—ndisoloko ndikulungele ukwenza uhlobo oluthile lomzamo. Kuba i...Eneneni nditshe ilizwi kakhulu ukuba ndingade ndishumayele kuni, kodwa ndinako ukuthetha nani okwethutyana, ngoncedo lwesi sixhotyana sincinane silapha. Mna...

³ Lonke ixesha ndisiza e-Indiana, nditsha ilizwi. Andazi ukuba kutheni na, kodwa ku—kubanjalo kum, lonke ixesha, ndifumana ingqele. Kusesigingqini kakhulu apha. Ndiyehla ndingene apha, kuze kukhangeleke ngokungathi andikwazi ukungabi nayo. Ndiyathandaza, kukhangeleke ngathi iyeza nangoko. Kodwa—Kodwa ndisoloko ndizama ukwenza konke okungcono endinokukwenza ngoko ndimelwe kukukwenza ngako. Ngoko yindlela ebendihleli ndizama ukwenza ngayo ke, ngokona kungcono sinokuba nako. Nantso kuphela into ayihlonelayo uThixo... ayilindeleyo, gxebe, uxolo; yiloo nto kuphela Ayilindeleyo.

⁴ Ngoku ndiyathemba ukuba—ukuba iNkosi yethu iyakunisikelela nonke ininike intsikelelo enkulu kuyo yonke lenkonzo, kulo lwesiHlanu, umGqibelo, neCawe. Iinkonzo ziyakuqhubeka ngokuhlwanje, ngokuhlwa ngomso. Akunjalo, Mzalwana Neville? [UMzalwana uNeville uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ziyaqhubeka oko ngomso ngokuhlwa.

⁵ Kuyakunyanzeleka ukuba ndihle ndize apha, ndize ndisukele apha ndiwele ndiye kuthetha kwelaa qela labaseki bamabandla liseLouisville. Ndiyacinga ukuba kuphakathi kweshumi elinesixhenxe okanye amashumi amabini anesixhenxe ezizwe ezimelwe kweloo theko labaseki

bamabandla. Bebefuna ukuba ndifumane imizuzu embalwa ngaphaya ngokuhlwa kwangomso. Ica-...Kusasa ngeCawe yi...

⁶ Yintoni? [Kukho indoda ethi, “Awunakuthandazela le ndoda ngoku?”—Mhl.] Beka isandla phezu kwayo kanye, mzalwana.

⁷ Bawo wethu waseZulwini, sithandaza eGameni loMntwana waKho, uYesu, kanye ngeli xesha, ukuba inceba yaKho ingangandiselwa kuthi ngokuhlwanje, ngendlela yokuphiliswa komzalwana wethu, laa ndoda ihleli phaya ikhangeleka ngokungathi igula kakhulu ngeli xesha. Wathi, “Vumani iziphoso zenu omnye komnye, nithandazelane ukuze niphilisewe.” Yaye ndithandaza kunye nabo bantu ngokuhlwanje, eGameni leNkosi uYesu, ukuba Uphilise umzalwana wethu ngeli xesha. Njengoko umzalwana wethu emi phaya izandla zakhe ezibeke phezu kwakhe, emele isandla seNkosi yethu uYesu, thina ke sikunye sihlanganisa imithandazo yethu siyithumela kuWe, eGameni likaKristu, ukuze umzalwana wethu abe nokuphila ngokukhawuleza kwesi sigulo anaso. Amen.

⁸ INkosi ikusikelele, mzalwana. Mpheni umoya omncinane nonke. Uxinanisekile kancinane apho. Kuba, myekeni aphume phandle. Ukuba uyafuna ukuhamba uphume phandle, mhlekazi, kuba, hamba uzifumanele isitulo phaya emva esakhiweni phaya, apho uyakufumana umoya noko.

⁹ Ngoku, iNkosi uYesu iyazazi zonke iingxaki zethu. Ungumthwali wemithwalo yethu.

¹⁰ Ke ngoku kusasa ngeCawe, kwakusasa, ngentsimbi yesithandathu, yinkonzo yokuphuma kwelanga. Bangaphi abayithandayo inkonzo yokuphuma kwelanga ngePasika? Silindele intsikelelo enkulu. Ngoko ke, ukuba iNkosi ithandile, ndizakuba neenkonzo zokuphuma kwelanga; iqala ngeyesithandathu kude kube yeyesixhenxe. Nize nibuyele ekhaya niye kufumana isidlo senu sakusasa, niphinde nibuye. Ngecala leyethoba, yinkonzo yesikolo seCawe yesiqhelo, uMzalwana Neville uyakube elapha. Kuthi kwangoko emva kwenkonzo yesikolo seCawe, ndibe neenkonzo zobhaptizo kwabo bazakubhaptizwa, kusasa ngeCawe yePasika.

¹¹ Ukuba awukabhaptizwa wantywiliselwa, ube unqwenela ukwenza njalo; ube unguMkristu, ukholwa kubuNgangamsha buka—bukaYesu Kristu bokuba unguNyana kaThixo; ube ufuna ukuthabatha indawo yakho—yakho kubudlelane nathi, ubhaptizwe, siyakukuvuyela ukuba kunye nawe ngentsasa yePasika, malunga necala leyeshumi, ekuntywiliseleni. Uze neempahla zakho. Ukuba awunazo, kakade, kuba, ingakumbi abafazi, banazo iingubo eziphaya ngaphakathi, zishayana ngobukhulu obaneleyo ukulungiselela amanenekazi. Andicingi ukuba sebenazo zonke ezamadoda. Kodwa thina...sivuya kakhulu ukuba kunye nawe unathi ngentsasa yePasika.

¹² Ukuze ngenjikalanga yangeCawe ibe yinkonzo yomngcwabo eyakuqhutywa, yomntu othile obehlala emaphandleni, kungenjalo kwindawo ethile apha, obethe...ndiyakholwa ukuba ebeguquke apha phantsi kokushumayela kukaMzalwana Neville apha kwixesha elithile elidlulileyo. Ndiyakholwa ukuba igama lakhe ngu-East, okanye into ethile eyenye. Bandinditsalele umnxeba osuka kwikhaya labangcwabi ekhaya bandicela ukuba indim noMzalwana Neville neqela lethu asinakuza na sicule sibe nenkonzo ngenjikalanga yangeCawe ngentsimbi yesibini, kwiKhaya laBangcwabi nakwaMottaz.

¹³ Andilikhumbuli eloo nenekazi, u-East, Yast okanye East. Abaninzi benu bebeyibonile loo nto ephepheni, ndiyaqonda, ngokuhlwanje. Yaye...[Kukho udade othi, "Mzwalana Bill?"—Mhl.] Ewe. ["Lalingukade lingu-Edan Justice; wayedla ngokuza kakhulu apha."] U-Edan Justice, nisenokumazi. Mhlawumbi ungmufazi oselula. Kunjalo? Ingaba kunjalo, dade? ["Unamashumi amabini ananye. Ehe."] Umfazi oselula. Ndiyakholwa ba...Unina ebenditsalela umnxeba ngoku esithi ushiya abantwana ababini kungenjalo abathathu abancinane. Imbi kakhulu ke loo nto.

¹⁴ Loo nto iya ekuboniseni ububi—ububi bobu bomi butshabalalayo, akunjalo? Kodwa ngaphakathi...Ukuba ebekuKristu Yesu, ukweyona ndawo ingcono, ngokuhlwanje, kunaye nawuphi na umntu ohleli kwesi sakhiwo. Uhambe nje waphumela kumfula wethunzi lokufa abamelwe bonke abanobomi obubhubhayo badlule kuwo. Kwaye ngamhla uthile wena nam kuyakunyanzeleka ukuba sidlule ngaloo ndlela nathi, kodwa akuyi kufuneka siyiwele sodwa iYordan, kuba nguYe uMsindisi wethu. Ngoko thina—thina...

¹⁵ Ukuba uyanqwena ukuza kuMzi wabangcwabi wakwaMottaz, wona lowo okwiSitrato iMapla, phakathi kweWalnut ne...Hayi, ndiyakholwa ukuba yiloo Locust neSitrato Wall, ngakwicala lasekunene xa usiya ngasentshona. I...Andazi nokuba bona...Ithini inombolo yalaa ndawo? [Kukho umntu othi, "221."—Mhl.] 221. Kulapho lalifudula likhona iKhaya laBangcwabi bakwaScott noCombs, ngethuba ndandiselula. Loo nto ke iyakuba ngenjikalanga yangeCawe, ngentsimbi yesibini ke.

¹⁶ Ukuze ke ngorhatya lwangeCawe, ibe ziinkonzo zesiqhelo zePasika apha kwakhona. Kuyaqondakala ukuba siyakube sishumayela u—ukufa, ukungcwatywa, novuko, ngokuhlwa kwangeCawe. Asazi nje ukuba iNkosi yethu iyakusenzela ntoni na ngeveki elandelayo ezayo, nokuba iinkonzo zisaya kuqhubeka na, kungenjalo ibe yintoni na, elungiselelwa iveki ezayo. Siyathemba niyaku—niyakuba lapha ngeeCawe, ukuba oko kunokwenzeka.

¹⁷ Ndiqaphela abashumayeli abaninzi abasingqongileyo. Kukho umntu ondixelele ukuba uMnu. Fuller ukho apha, lo wayekade e... kungenjalo uyeza ezinkonzweni zethu. Ingaba ikho loo ndoda? Mzalwana Fuller, asinguwe loo ndoda yayikade indithatha, eNew York, ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye, ukuhla ukuya enkonzweni? Ndiyavuya ukukubona, Mzalwana Fuller. INkosi ikusikelele.

¹⁸ Ndiye ndabona nomnye umlungiseleli omncinci apha athe—athe uMzalwana Thom ebengamazi. Andiyazi nokuyazi ifani yalaa mfana, kodwa ndazi okokuba bambiza ngokuba nguJunior emva phaya. UJackson, uMzalwana Jackson, uJunior Jackson, phakamisa nje isandla sakho okokugqibela, Mzalwana Jackson. Siyavuya ukuba sibe kunye nawe phakathi kwethu. Uvela ezantsi ngase-Elizabeth, kwinkonzo yamaWisile ephaya ezantsi, apho ndizakuqhuba khona inkonzo kwakutshanje, iNkosi ithandle, phambi kokuba sibuyele entsimini.

¹⁹ Ngoku ibe lubizo olukhulu lwase-India. Kwaye yonke into izakuya ixinana ngokuxinana, yonke imihla. Ndithandazeleni.

²⁰ Ngoku, ngokuhlwanje, olu lulwesiHlanu oluLungileyo. Bubusuku esiyakuthi ngabo... Owu, ndiyaqonda, eJerusalem, ngeli xesha, li... ilanga seliphume kakuhle ngoku, ngentsasa yangomGqibelo. Kodwa imini yonke, abantu bathubeleze behamba kwangaloo ndlela indala apho umnqalezo wawurhuqa khona phezu kwamathontshi egazi womntu owayewuthwele; iinyembezi zixhixha emiphefumleni yabo, belila. Iiholo ezinkulu ezininzi, nezinto ezinjalo, namhlanje, ziye zakhumbula eli xesha lesi sikhumbuzo sikhulu. Kubekho ke kwakho ixesha ebelimelwe kukuthi ihlabathi libenento eliyikhumbulayo, leli lingoku, ngale yure yenkathazo.

²¹ Yaye ingaba udade wethu, xa ndibona le incinane, i-organ endala le... Ndi—Ndiyayithanda i-organ. Ndingowodidi lwakudala. Kwaye i—ingaba singafumana isingqi seliya:

Yesu, ndigcine kufutshane emnqamlezweni.

²² Lelinye nje lalawo alungileyo, wodidi lwakudala, amaculo wentliziyo esasikade siwacula kudala kakhulu. Asinakuthi ke singenelele sonke kwelo. Ndiyalthanda.

Kukho umthombo onexabiso,
Osisisa kubo bonke, umfula wempiliso,
Ohla kwintaba yaseKalvari.

²³ Bangaphi abanomqolo walo abawaziyo, phofu? Kulungile, ngenelani kunye nam ngoku. Masithobe nje ngoku imidiya-diya esingqongileyo, iingqondo sizibeke kwishumi elinethoba lamakhulu eminyaka eyadlulayo, ngale njikalanga. Lelinjani iDini! Ihlabathi alizange lazi kwanto ifana naleyo. Yashukumisa ihlabathi liphela! Ke ngoku awufuni kuhlala kufutshane kuloo ndawo, apho uyakuthi ubesendaweni yobudlelane nentsikelelo kunye naYe?

24 Masilicule sonke ngoku, ngendlela nje eyeyakudala, ngoku, musa . . . nje—nje ngendlela obunokuyicula ngayo xa ubuwedwa ngoku. Kulungile. Mzalwana Thom, ndincedise ukulihlabela, nceda? Akukho lizwi ncama kum ngoku. Ke ngoko, kulungile. Kulungile. [UMzalwana Robert Thom uncedisa ekuculeni u*Near The Cross*—Mhl.]

Yesu, ndigcine kufuphi emnqamlezweni,
Apho kukho umthombo onexabiso,
Osisisa, umfula ophilisayo,
Ohla kwintaba yeKalvari.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
Kulapho njalo ukuqhayisa kwam;
De umphefumlo wam oxwiliweyo ufumane
Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

25 Ngeli thuba iintloko zenu zithotyawe, ukuba ninganako, masilingqumshele ngokuzekelela kakhulu ngoku. [UMzalwana Branham nebandla baqalisa ukudumzela u*Near the Cross*—Mhl.]

Kufutshane nomnqamlezo ndiyakukhangela . . .
Ndibe nethemba, ndithembile, njalo.
De ndifike kunxweme lwegolide,
Apha ngaphesheya komlambo.

26 [UMzalwana Thom uqhubela phambili ngokuzolileyo ukucula ikhorasi kwakhona, *Near The Cross*—Mhl.]

27 Ukuba nje ungafuna ukwenza nje olo hlobo nje ngoku . . . Akukho mntu wakwenzelayo. Ingaba mhlawumbi awunaku . . . awunakufuna ukunikezela ngobomi bakho kuKristu, yaye, “Nkosi, ndikhumbule. NdiyaKubulela . . . ukudinwa, ukubulaleka, ukopha, ufela mna. Andifanelekanga. Kodwa ndiza kusinyusa isandla sam ngoku, Nkosi. Wena ke uyakundibona. Ndifuna ukunikezela ubomi bam ngokutsha.” UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Kulungile. “Ndifuna ukunikezela isiqu sam ngokutsha kuWe khona ngoku, Nkosi, ngobu busuku bolwesiHlanu oluLungileyo.” UThixo akusikelele.

28 Bawo, ndiyathandaza ukuba Usikelele aba baziphakamisileyo izandla zabo, naba bangakhange babe naso nesibindi sokuyenza loo nto. Siyathandaza ukuba Lowo wanele konke, ngokuhlwanje, ukuba abasikelele bonke.

29 Sicinga eKalvari, uThixo, uMsindisi wethu, elele kwihlazo; wothulwa, wanikezelwa ezandleni zamadoda azizityebi awawuthabathayo umzimba waKhe, emva kokucenga uPilato; bawuthabathela kwelinye icala bawusongela ngelinen ecocekileyo, ukuze bawufake engwabeni. Owu Thixo, fan'ukuba yayikokunjani ukuziva okwakuphezu kwabo bafundi balusizi; kwakhangeleka ngokungathi baboyisiwe

ngeloo xesha. Yena Lowo babemthembe kangako, wayemnkile ngoku, kodwa kungazi kuba thuba lide. EliDini nje elophayo, kwakuphelele apho. Ngamhla uthile, emva kweeyure ezimbalwa, Wavuka wahlangana kunye nabo.

³⁰ Sincede, ngokuhlwanje, Nkosi, njengoko sikweli thuba lesikhumbuzo, kwanga kungaphezu kwethu, ukuba sikubone ukuhlupheka okwabizwa ngenxa yokuhlangulwa kwethu, usizi olwabangwa yiloo nto ngenxa yethu ukuze sonwabe. Yaye yanga imiphefumlo yethu...Ngokuhlwanje, Nkosi, sanga singanikezela ngeziqo zethu kuWe, imiphefumlo yethu ixhwaleke, ngokukhangela ngaphesheya ibone oko, Owu Thixo, kukufa okoyikeka kanjani. Sinokuba sikhohlakele kangakanani isono! Yaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba Usisikelele sihlalene sonke ngoku.

³¹ Yaye Mawundincede, Owu Thixo, njengesicaka saKho esimi apha ilizwi laso lingalunganga kakhulu, abantwana baKho ke belindele ukuva into evela eLizwini. Ndincede, Nkosi, uqhekeze iLizwi loBomi, ngokukhululekileyo, kuye wonke ubani, njengoko sinikezela ubomi bethu neentliziyzo zethu ngokutsha. Inyembezi zeentliziyzo zethu ziyawa, amazantsi ezifubeni zethu, amazantsi esifubeni sethu, xa sicinga ngeloo Dini. Sincede ngoku, kuba oku sikucela eGameni likaKristu. Amen.

³² Ndifuna ukufunda nje into encinane ngoku ukuba niyakundihoya ngokupheleleyo okomzuzwana, nindithandazele. Ku-Isaya, isahluko sama-53.

³³ Kuyaqondakala sinalo, namhlanje, siluvile usasazo lukanomathotholo, nezinto ezinjalo.

³⁴ Ndiye ndacinga nje ngoKristu namhlanje. Andikhange ndibe nakuzinceda ekuphumeleni kwindawo ethile ndiguqe nje phantsi. Kwaze kwanyanzeleka ukuba ndilile, ndakucinga nge...xa ingqondo yam ibuyele umva ukuze ndibone oko kwenzekayo apho eKalvari.

³⁵ Andikhange ndibe nakuyiva nayiphi na inkqubo kanomathotholo, kodwa mhlawumbi bashumayele ngokuphuma kwiVangeli. Ukuze mhlawumbi ngomso ngokuhlwa siyivele ngaloo nkalo.

³⁶ Kodwa, ngokuhlwanje, masibuyele emva kwiTestamente eNdala. Ndifuna ukuthetha ngo: *Ukukhohlakala KweSona, NeSohlwayo Ekuthabathe Sona Uku-Ukususa Isono Kubomi Bethu*. Ku-Isaya 53, umprofeti ethanjisiwe, kumakhulu asixhenxe aneshumi elinesibini eminyaka ngaphambi kokuza kweNkosi, wathetha la mazwi.

Ngubani na okholiweyo ludaba lwethu? ...nengalo kaYHOVA ityhileke kubani na?

Kuba yena umkhonzi unyuka njengegatya phambi kwakhe, njenge...njengehlumelo eli...phuma ezweni

elingumqwebedu: engenasithomo nabungangamela; sakukhangela, akwabikho kubonakala ukuba masimnqwenele.

Udeliwe ushiyiwe ngabantu; yindoda enomvandedwa, . . . eqhelene nesifo: wanga ngulowo kusitheliswa kuye ubuso; udeliwe, thina ke asambeke.

Okwenene uzithabathele phezu kwakhe iizifo zethu, . . . wathwala umvandedwa wethu: ke thina besiba ungobandezelwayo, nguThixo, ungocinezela nguye.

Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa: Ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakhe: Siphiliswe ngemivumbo yakhe.

Thina sonke salahleka njengeegusha: sabheka elowo endleleni yakhe; waza u-YEHOVA . . . wamwela ngobugwenxa bethu sonke.

Wakhandaniswa, wa . . . khandaniswa, . . . engawuvuli umlomo wakhe: nje—njengemvana esiwa ekuxhelweni, nanjengegusha esisidenge phambi kwabachebi bayo, akawuvula umlomo wakhe.

Uthatyathwe ekuxinweni nasematyaleni: . . . esizukulwaneni sakhe ngubani na owathekelelela ukuthi? Unqanyulwe ezweni labaphilileyo: ubandezelwe ngenxa yesikreko sabantu bakowethu.

. . . lamiswa nawaboni ingcwaba lakhe, ke laba nosisityebi akuba efile; ekubeni engenzanga lugonyamelo, kungabangakho nkohlakoso emlonyeni wakhe.

UYEHOVA wathanda ukumtyumza; nokumvisa isifo: xa uthe umphefumlo . . . okanye xa uthe umphefumlo . . . woyibona . . . umphefumlo wakhe wawenza idini letyala, woyibona imbewu yakhe, abe nemihla emide, ukuthanda kuka-YEHOVA kube nempumelelo ngesandla sakhe.

³⁷ Ukuba ndingayibiza njengetekisi yeSibhalo, ngokuhlwanje, ndingathabatha umqolo we-6.

Thina sonke salahleka njengeegusha; . . . waza uYEHOVA . . . sabheka elowo endleleni yakhe; waza uYEHOVA . . . wamwela ngobugwenxa bethu sonke.

³⁸ Ndifuna ukuthetha imizuzwana nje embalwa. Sihlala sonwabile xa kufikelela ekubeni sibe novuyo lweNkosi phakathi kwethu; indlela endivuya ngayo kunye nani, ngokukhulu. Kodwa wakhe wema wacinga ukuba xabiso lini na elahlawulwayo ngenxa yaloo nto? Ingaba wakhe waqaphela nje ukuba xabiso lini na elixhase oko; ukuba wawuyintoni na umgwebo nokuba yayiyintoni na isohlwayo sesono? Indlela

esinokuba sikhohlakele ngayo isono, xa sabangela ukuba uNyana kaThixo aye eKalvari, aze uThixo abe nokuMbetha, abujike ubuso baKhe bumkhe kuYe, aMbethe, a—aMxhwalekise. Khangela ukuba WayenguBani na Yena.

³⁹ Ngoku ndifuna ukunizobela nje umfanekiso omncinane, ekuthetheni ngoku. Masithi sonke sithabathe uhambo oluncinane, ngokuhlwanje, kwinqanawe encinane, masithi ke...inqwelo yamajuku-juku encinane, kungenjalo inqwelo yomoya. Masibuyele emva kwikhulu lezigidi zeminyaka ngaphambi kokuba kube kwabakho ihlabathi, ngaphambi kokuba kube kwabakho nkqu inkwenkwezi kungenjalo nantoni na, apho ke akukho nto unokuyibona sisithuba nje esingenanto. Yaye sonke eso sithuba sasinguThixo. Ekuqalekeni ube ekho uThixo.

⁴⁰ Ke ngoku sizakukhangela xa kufika kubakho ukuKhanya okuncinane okumhlophe. Sizakubiza, ngokungathi, siSangqa. Loo nto ke yayinguNyana kaThixo, uLogos owaphuma kuThixo, ekuqalekeni.

⁴¹ Nokuthi ke Wayemi njani na apho; kwaye Yena, engqondweni yaKhe, waqalisa ukucinga ngento elaliya kuba yiyo ihlabathi, waze wawuzoba wonke loo mfanekiso engqondweni yaKhe. Waze Wathi, “Makubekho ukukhanya.”

⁴² Kwaze kwathi gqi kwavela isuntsu le-atom, kwenzeka uqhushumbo lwe-atom, uqhushumbo lokuqala lwe-atom. Aze loo masuntsu e-atom afumba ade angamalahle, njengoko ukunyakama, nokuba yayiyintoni na, kwaqalayo ukuvela, zaze ii-atom zaqhekeka. Kwaze kwathi emva komzuzwana, kwavela inkwenkwezi, kungenjalo iceba le...isipeke-pheke esidubulayo esabhabha sinqumla emoyeni. Wayikhangela loo nto mhlawumbi isithuba sezigidi ezimbalwa zeminyaka, waze wayimisa. Wayengxamanga. Wayenexesha elininzi, ngokungapheliyo. Wayengulowo usukela ekuqalekeni ukuya esiphelweni. Kwakungekho xesha kuYe. Kuze ke kubhabhe enye, aze Ayimise *ngolu* hlobo.

⁴³ Wayesenza ntoni Yena? Ubhala iBhayibhile yaKhe yokuqala. IBhayibhile yokuqala eyakhe yabhalwa, yayibhalwe esibhakabhakeni, iZodiac. Iqala ngentombi eseyintombi, Aweza ngayo kuqala. Iphela ngeLeo, ingonyama, ukuZa kwesibini. Yaye Ubhala iBhayibhile yaKhe yokuqala.

⁴⁴ IBhayibhile yesibini yabhalwa, yabhalwa ngu-Enoki, yabekwa kwiphiramidi.

⁴⁵ IBhayibhile yesithathu, neyokugqibela, *yile*. [UMzalwana Branham ubonisa ngeBhayibhile yakhe—Mhl.]

⁴⁶ UThixo uhlala ezenza ngezithathu izinto. UThixo ugqibelele kwisithathu. Ugqibelele. [UMzalwana Branham

uthinta isikhohlela—Mhl.] Uxolo. Ugqibelele kuYise, Nyana, Moya oyiNgcwele. Ugqibelele kugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ugqibelela kwizithathu zaKhe.

⁴⁷ Singokokwenza kwaKhe thina, ngoko sigqibelele kwisithathu; umphefumlo, umzimba, nomoya. Yaye imizimba yethu ilawulwa nge—ngemithambo—luvo, yegazi, namasuntsu enza egazi (inyama); isithathu. Konke kugqityeleliswe kwisithathu.

⁴⁸ Waze ke Wathi, Emva kokuba Eyenze yonke loo nto, phambi kokuba kubekho kwanto Ayenzayo eyenye . . .

⁴⁹ Ingathi ndiyasibona esi Sangqa sincinane sindanda phezulu—phezu kweli hlabathi, lona lililahle nje, likhenkezekile, lindanda phaya ngaphandle ngokwengxowa yomkhenkce. Waze Walifudusela kufutshane nelanga. Waze Waqalisa ukulijika *kanjeya* lijikeleza ilanga. Laqalisa ukunyibilika, namaceba amakhulu omkhenkce aqhekeka. Kwakubunjwa iTexas ke, namathafa lawa aphaya; njengoko sifundiswa ukuba zavela njani na iingxowa zomkhenkce zisihla apho, njengoko ezona zingcono iinzululwazi zamaxesha eziganeko zinokuqikelela. Laze ke ihlabathi lilonke, emva kokuba lihambe laya kungena kwiGophe laseMexico, njalo njalo, laqala lazaliswa ngamanzi. “Ihlabathi ke, lisenyanyeni, liselubala,” ngoku sikwiGenesis 1, yabona. Ngoku, ngoko, uThixo wesuka wasahlula isibhaka-bhaka emanzini. Waza Wenza ukukhanya.

⁵⁰ Waze Wadala zonke iindalo zaKhe. Ngoko, emva kokuba Wakwenzayo oko, kwavela yonke imithi, nezityalo, njalo njalo. Wayequlunqe kakuhle njani Yena. Wayithanda. Yayintle. Waza Wacinga ukuba ilungile loo nto.

⁵¹ Ngoko Wayengenakuyiyeka nje ikuloo mo; kwafunela ukuba Ayishiyile into ethile. Ngoku Wathi, “Masithi” (isininzi) “senze umntu,” isininzi “ngokomfanekiselo wethu.” “Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu.” Ngoko ke ekwenzeni kukaThixo umntu waKhe wokuqala, wayengumntu ongowomoya. Wayeyinto ethile ekuhlobo lukaThixo, kungenjalo kuNyana kaThixo, uLogos. Yayingulowo umntu wakhe wokuqala. Waze waMnika umntu ulawulo phezu kwe . . . lokuba akhokele bonke ubomi bezilwanyana, njengoko uMoya oyiNgcwele ekhokela ikholwa namhlanje. “Yiya *apha*. Yenza *oku*.”

⁵² Ngoku, ukuba besigqibelele ekuthobeleni uMoya oyiNgcwele, uThixo ebeyakusikhokela, ngoMoya oyiNgcwele, kanye njengokuba u-Adam wayekhokela izilwanyana zaloo mhla.

⁵³ Ngoko wa—wazenza. Waze ke, Akwenza njalo, Waqalisa ukuhamba nge—ngendlela yo—yokuba Wenza umntu ngothuli

lomhlaba. Kwakungekho mntu wakuwusebenza umhlaba, kungekho mnto wakwenza umsebenzi kungekho mntu wenyama. Ngoko Wenza umtu ngothuli lomhlaba.

⁵⁴ Ngoku nantsi indawo endicinga ukuba i—inzululwazi yeentyatyambo, kungenjalo—kungenjalo inzululwazi noBukristu, aziphikisani kuyo. Ngokuba, inzululwazi ithi, umntu uvela kubomi obubobunye; sibe sisithi thina, xa ukhangele umntu lo, ungokomfanekiselo kaThixo. Lo eyona nto uyiyo, wawungekho kumfanekiselo kaThixo, okokuqala. Lo ngumfanekiselo wobomi besilwanyana. Yaye o...Ke abenzululwazi yokusuka kwento kwenye into baphika ngelithi thina...Andikholelwa kuludwe lobomi lokusuka kwenye into ibe yenye ngaloo ndlela bakholelwa ngayo, iyonke loo nto iphuma kwiseli elisuntsu elinye. Kodwa ndiyakholwa ukuba sinyukela phezulu, ngokuqinisekileyo, ukunyukela phezulu komntu ephuma komnye umntu. Kodwa ke wathi uThixo akwenza yonke loo nto, wafumana...wabeka umntu e...

⁵⁵ Wamenza ngothuli lomhlaba, ngoku, engekho ngokomfanekiselo OngowaKhe. Wayesele emenzile umntu. Waze Waphefumlela ngaphakathi kuye umphefumlo wobomi, wamenza umphefumlo ophilileyo ke. Ngoko, umphefumlo womntu uyimvelo yomoya.

⁵⁶ Ngoku, ekuzalweni kwakho ngokutsha, awufumani moya mtsha. Ufumana imvelo entsha yaloo moya. Ikwanguloo moya mnye, kodwa yimvelo entsha yawo. Ungathabatha abantu ababini, ubemise kunye, bobabini befana ngenkangeleko; abe omnye wabo engumoni, omnye ke enguMkristu. Omnye uthi, “Ndinomoya njengokuba nawe unawo,” yabona. Kodwa omnye kuwo wahlukile, umphefumlo wakhe. Imvelo yakhe yeyahlukileyo. Ungoguquliweyo.

⁵⁷ Ke ngoko Waphefumlela ngaphakathi kulo mntu. Ngoku, andazi ukuba njani na, ukuba Wamenza njani na. Wa—Wafaka ngaphakathi kuye izimvo ezintlanu ukuze abe nokunxibelelana nekhaya lakhe lasemhlabeni, abone ke, angcamle, achukumise, ajoje, eve. Kwaye Wamenza ngoloo hlobo. Ngoku, ezoo zimvo yayingezizo ezokunxibelelana noThixo.

⁵⁸ Uluvo lwakhe lokuhlangana noThixo yayingumoya wakhe, umphefumlo wakhe yayingowokuhla...“Umphefumlo owonayo, loo mphefumlo kuyakufa wona.”

⁵⁹ Ngoku, ndizakujikeleyela kude kakhulu, ukuze ndibe nokufumana into ethile, kodwa ndiyathemba ukuba niyakuwufumana umxholo wayo ukuze nibe nokubona ngokuchanekileyo ukuba uThixo kwanyanzeleka ukuba enze ntoni na eKalvari.

⁶⁰ Ngoku xa lo mntu, ngoko, wathi Akumfaka kwizimvo zaKhe, izimvo zakhe ezintlanu. Ke ngoko, umntu, wayenesithukuthezi, ngoko Wamenzela inkosikazi yakhe, umncedi, ethabathe ecaleni kuye ubambo wamenzela umfazi.

⁶¹ Ngumzekelo omhle lowo, yonke le nto ingemizekeliso, ukuba uThixo wathabatha ecaleni likaKristu, uMtshakazi. Yabona? UThixo wavula icala lika-Adam, wathabatha ubambo; lona olo, indoda inobambo olunye olungekhoyo kunokuba enjalo umfazi, kwisimo so—somzimba. Ke ngoku uThixo wavula kwicala likaKristu, e...eKalvari, wakhupha apho uMtshakazi. IBandla livela ngeGazi likaKristu, ukuya kungena kuMzimba kaKristu.

⁶² Nantso indlela—indlela esingena ngayo, akukho ngandlela yimbi. Akunamsebenzi nokuba ungowenkonzo kangakanani na, uyindoda elunge kangakanani na, ungumfazi olunge kangakanani na; unyanzelekile ukuba wamnkele iDini elanele konke likaThixo, indlela yaKhe abonelele ngayo, kungenjalo ulahlekile. Injalo loo nto. Nantso kuphela indlela onokungena ngayo, kukuphumela Apho. Ngoku, inye kuphela indlela ekhoyo, leyo ke liSango.

⁶³ UYesu wafundisa loo mzekeliso ubalulekileyo, xa Wayelapha phezu komhlaba. Wathi kwenziwa iSidlo soMsitho wo—wonke umntu wanikwa i—isivatho, waze wafumana indoda yanye apho engenasivatho. Wathi, “Sihlobo, kutheni...Kutheni—Kutheni ungenasivatho nje?”

⁶⁴ Ngoku, isithethe sasempuma yayisesokuba, xa umyeni ememe wonke umntu, wayebeka...awayemmema. Ukuba Wayememe abantu abangamashumi amahlanu, ngoko wayeba neengubo ezingamashumi amahlanu. Wayesima ke kwindawo ethile emnyango, qho ke ukuba kungena umntu, osisityebi, kungenjalo olihlwempu, wayemambathisa ingubo. Ngoko, kwakungabikho mntu waziyo ukuba bazizityebi na okanye bangamahlwempu. Yena, bonke, babekhangeleka ngokufanayo, bambethe iingubo.

⁶⁵ Yaye yiloo ndlela enza ngayo uThixo namhlanje. Uphisa ngoMoya oyiNgcwele; ntoleyo ingumzekeliso. Wonke umntu Ammemayo, siyinto enye sonke. Hayi ukuthi Lo ungecono noko kunomnye lowa, aze *Lowa* abe ngaphezulwana ngokuphakama kunalo. Sisonke siyinto enye ebusweni bukaThixo, wonke omenyelwe kwiSidlo sangokuhlwa soMsitho.

⁶⁶ Wathi akungena wafumana indoda enye ngoku...Ngoku, mnye kuphela umnyango ekungenwa ngawo, ngowokuba kulapho apho zikhoyo iingubo ekwakunikelwa ngazo. Wafumana indoda yanye kwitafle yesidlo sangokuhlwa engenzambatho. Wathi, “Sihlobo, wenza ni apha? Kutheni ungenaso isivatho nje?” Laza layikhohla loo ndoda. Yayingene ngefestyle, ngandlela ithile iyenye. Yayingazange ingene emnyango.

⁶⁷ Kwaye wonke umntu oza ngoKristu, ukungena kuMzimba kaKristu, wamnkela uMoya oyiNgewele, isambatho. Umi apho kanye, ukuze akwambathise Sona, kwangoko ekungeneni kwakho, yabona. Nantso into Ayithembisileyo yaye nantso into Ayenzayo.

⁶⁸ Ngoku, phaya kudala e—ekuqalekeni, e—Eden, apho Wamenzela inkosikazi, okanye umncedi.

⁶⁹ Ngoku niyayibona le mifanekiso ikolindi-xesha, ngamaxesha athile, yabaqambi abathile. Ngoku, yimpembelelo embi kakhulu leyo. Ukuba wawunokubona u-Eva iinwele zakhe zivele *kanjalo*, yaye, owu, yinto ekhangeleka kakubi kanjani, uze uthi, “Nankuya umama wethu,” kuba, akunakubakho namnye ehlabathini onokuyibukela loo nto. Ndiyakholwa ukuba u-Eva wayengoyena mfazi wakhe wamhle kwabakhe bakho phezu komhlaba. Injalo loo nto. Akukhangela kuye u-Adam, owakhe, yena—yena... Usuka nje, kuba, oko kubonisa ukuba oko kutsaleka kuvela kude kulo lonke uluntu namhlanje. Ukuba kwakungenjalo, ngekulolunye uhlobo.

⁷⁰ Ngoku, u-Adam wathabatha u-Eva njengenkosikazi yakhe. Kwaze kwathi kwakungena isono... Yaye ndinayo imbono yam yokuba sasiyintoni na. Andiyicacisi loo nto ebandleni, ngaphandle nje kokuba ndibe negumbi labafundi lohlobo oluthile, lokuba sasiyintoni na eso sono ekuqalekeni. Kodwa, nakanjani na, kwathi kwakwenzeka loo nto, yabahlula kubudlelane noThixo.

⁷¹ Ngoku nanku umfanekiso endifuna ukuba uwufumane. Ngoku xa uThixo waqondayo, kungenjalo iNgelosi ethile okanye iSidalwa esithile sathi senyuka saxelela uThixo ukuba, “Unyana wakho ulahlekile. Yena, yena wonile. Uwile.”

⁷² Ngoku khangela into atsaleleka kuyo umntu, into yokuqala, kukuzenzela unqulo. Umntu, unyanzelekile ukuba abe nohlobo oluthile lokunqula.

⁷³ Bendithetha nendoda ethile edumileyo apha esixekweni, ngenye imini. Yathi, “Uyazi, unqulo lwam, Mzalwana Branham, liyawugcina uMthetho oyiNtloko.” Ilungile loo nto.

⁷⁴ Kodwa, mzalwana, engathanga azalwe ngokutsha umntu, uyakutshabalala. Ewe. Unyanzelekile ukuba abe njalo, unyanzelekile ukuba azalwe ngokutsha. Ngoku, uMthetho oyiNtloko ulungile; ukuba, umntu oziphethe kakuhle anga nokuyenza loo nto. Kodwa kunyanzelekile ukuba kufikelele kumgangatho wamandla angaphezu kwendalo. Yaye uzakubona ukuba uThixo kwanyanzeleka ukuba enze ntoni na ukuze sibe nokuzalwa ngokwamandla angaphezu kwendalo.

⁷⁵ Ngoku ngeloo thuba, ngoko, benza isono, wa—wamenzela unqu-... Igama *unqulo* lithetha “ukugquma.” Lunjengento ethile egqumayo. Le bhatyi iyi—iyisi—sisigqubuthelo

sokuziphatha kakuhle kum, ngokuba igquma umzimba wam. Nempahla yakho ikwayinto enye. Kwaye i...Isi-isisigqubuthelo.

⁷⁶ Ngoku qaphela ngoko, xa, u-Adam, amagqabi akhe omkhiwane ayelungile okoko nje kwakungekafuneki ukuba ajongane noThixo. Kodwa kwathi kwakufuneka ukuba ajongane noThixo, waqonda ukuba amagqabi akhe omkhiwane ayengalunganga. Ke ngoku, sihlobo, usenokucinga ukuba ungunmtu olungileyo ngenene, yabona, yaye usenokuba unguye. Injalo loo nto. Kodwa wakujongana noThixo, okwakho...ukuba awulamnelanga iDini akubonelele ngalo uThixo, ulahlekile kwaye uyakuyazi loo nto.

⁷⁷ Ndakhe ndema ecaleni kwazo, ndazijonga zisifa; ndabona ugqirha ezitofa ezingalweni, ukuze zizole. Ndibave bekhwaza beqhubeka. Bathi, "Owu, ziphambene nje."

⁷⁸ Ndathi, "Gqirha, khawuncede uyimise ecaleni, okomnye umzuzu nje." Yabona? Yaye ungabeva xa becinga ukuba—becinga ukuba benza okulungileyo.

⁷⁹ "Kukho indlela ekhangeleka intle emehlweni omntu, kodwa ukuphela kwayo ziindlela zokufa."

⁸⁰ Yaye wonke ongazalwanga ngokutsha, ongazalwanga ngokutsha nguThixo, uyakuhamba ngaloo ndlela yentshabalalo. Awunakuyinceda loo nto. Umphefumlo wakho nguwo okukhokelayo. Ukuba uzelwe ngokutsha, unyanzelekile ukuba unyuke. Ukuba awuzalwanga ngokutsha, kuyakunyanzeleka ukuba uhle. Ngowakho nje—umphefumlo wakho nje uyakuyenza loo nto. Kanye njenge—ngentongana yemilingo eyakuvula ucango kwindawo ethile; ukuba awunayo i—intongana yemilingo, ucango alusayi kuvuleka. Ukuba awuzelwanga ngokutsha, uyakwaliwa ngokupheleleyo, ngokuzenzekela. Kuphelele apho, ngoku.

⁸¹ Ukuze ke xa ndi—ndibona apho, ngoko, ekuphumeni kwabo, uThixo wayesazi ukuba babengenakuma phambi kwaKhe. Kwaye wayesazi Yena. Babezimele, bezimele naphaya kwamatyholo athile. Ukanti, begqunyiwe, kodwa bazi ukuba ukugqumathela kwabo kwakunganelanga.

⁸² Yaye yonke indoda okanye umfazi ehamba inkonzo...Namhlanje bendicinga ngehlo ezinkulu ezikhalisa iintsimbi, zihlokoma iintsimbi, nezinto ezinjalo ezilolo hlobo; abantu besiya ecaweni, belungiselela, nabafazi bethenga iminqwazi yePasika, njalo njalo. Ifikelele ekubeni yintoni lento? Bethu! Ndingaze ndiyiqonde njani ukuba umvundla unantoni na yokwenza novuko, yabona, (hayi, mhlekazi) unganxibelelana luhlobo luni umthi weKrisimesi nokuzalwa kukaKristu. Bubuhedeni, zihlobo. Siphumile endleleni kwindawo ethile. Injalo loo nto. Kodwa ngoku indoda okanye umfazi ozelwe ngokutsha ngenene uyaqonda,

ngokuba bukho ubomi ngaphakathi kuwe, buyakuxelela ukuba loo nto ayilunganga. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

⁸³ Ngoku khangela; ku-Adam no-Eva. Owu, bethu! Ndakucinga ngaloo nto, ndiyalahlekana nengcinga yomkhuhlane wam, nokuba ibiyintona na endinayo. Ndakucinga, emva phaya ekuqalekeni. Khangela! Uthetha ngegazi?

⁸⁴ Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, xa bebecinga ngoku, kwibhunga elikhulu lamaWisile, ngokuthabatha bakhuphe onke amaculo angeGazi kwiNcwadi yamaculo amaWisile. Bathi, “Asiyonkonzo yabaxheli.” Bathi, “Asi... Sifuna into emnandi enesidima.” Mzalwana, asiyiyo leyo indlela ayamnkela ngayo uThixo. Kuphakathi kokuba . . .

⁸⁵ “Xa ndibona igazi, ndiyakudlula kuni.” IGazi! UThixo, seso kuphela isibambelo esikhoyo, kukuthi nje kuphela . . . “Ubomi busegazini. Usenokuyidla inyama yaloo nto, kodwa igazi layo, lona libubomi baloo nto, liphalazele emhlabeni.” Yabona, ungabudli ubomi.

⁸⁶ Ngoku intle kakhulu! Xa ndicinga nje ngaloo nto! Ngoko uThixo wacinga, “Ngoku phumani apha, Adam no-Eva. Yaye phambi kokuba ndibe ndiyanikhupha, kamelwe ukuba kubekho into eNdiyenzayo.” Ngoko Uya ngaphaya kwenduli afumane igusha; ayixhele, ahlinze ufele lusuke kuyo, ayiyeke ife.

⁸⁷ Ngokuba, uThixo umelwe kukuLigcina iLizwi laKhe, kungenamsebenzi nokuba uyindoda elunge kangakanani na, ungumfazi olunge kangakanani na, nokuba uyintoni na. Nguye, uThixo, uThixo umelwe kukuligcina iLizwi laKhe.

⁸⁸ Isizathu sokuba intombi eseyintombi uMariya kunyanzeleke ukuba enyuke, ngoMhla wePentekoste, aye kwamnkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kanye njengokuba nabanye benzayo, kungokuba wayezelelwe apha njengomntu obhubhayo kwaye kunyanzelekile ukuba azalwe ngokutsha phambi kokuba abe angaya eZulwini. Amen.

⁸⁹ Ngoku khangela, nkosazana, mandikuxelele. Ngenxa yokuba nje amaxesha eguqukile, uThixo ke akaguqukanga. Ukuba uza nangayo nayiphi na enye into engeneno kwaleyo, ulahlekile. Yabona? Ngoku, ndithetha nje egameni loko uThixo wakwenzayo kwishumi elinesithoba leminyaka eyadlulayo, namhlanje, eKalvari, ukubonisa wena ukuba lalinjani na iDini ekwafuneka ukuba lenziwe ukuhlawula oku, yaye yindlela kaThixo leyo. Ngoku ikho indlela ekhangeleka ilungile; kodwa uThixo unendlela abonelele ngayo. Ukuba uyakuhlala uhamba ngendlela ekubonelelwe ngayo nguThixo, awuyi kuphazama.

⁹⁰ Kanye njengokuba ubuya kuqalisa ukuya e-Indianapolis, kungenjalo unqumla ibhulorho, uthi, “Ke, apha, ingaba yiLouisville leya iphaya ngaphesheya?” “Ewe.” Uqalise nje ukuya *ngapha*; uyakubambeka kungekudala. Injalo loo nto.

Kungcono ufumane isikhokelo, umzobo wokuma komhlaba, uwufundisise ubone ukuba yeyiphi na indlela oyakuhamba ngayo.

⁹¹ Kwaye, ngoko, *nasi* esikaThixo isikhokelo sokuya eBuqaqawulini. Fundisisa Sona. Siso Eso. Sichatshazelwe liGazi sisonke. Awusayi kulahlekwa ngumkhondo, ukuba ulandela iGazi. Amen. Ngoku uyabona. Yabona? Hlala nje kunye neGazi kwaye kuyakulunga kuwe, ngokuba ukho umzila onegazi kwinyathelo ngalinye lendlela.

⁹² Ngoku qaphela indlela awathi ngayo uThixo phaya kudala, ngaphambi kokuba abe Unokuyenza loo nto, ngoku Wayenokuma okanye...Nokuba babenokuma bamnkele, Wayeya kubabulala khona ngoku. Wayenyanzelekile ukuba enze njalo, ngokuba Ungozimeleyo ngokugqibeleleyo. Linyanzelekile ukuba aligcine iLizwi laKhe. Wathi, "Mhlana uthe wadla kuwo, ngaloo mini uyakufa." Yayinjalo ngonaphakade ke.

Ngoko ingathi ndiyaMbona phaya kudala, ekuxheleni kwaKhe ezi zimvu. Uthi, "Yayizizimvu, Mzalwana Branham?" Ndiyakholwa ukuba kwakunjalo. Yena wayeyiMvana exhelwe kwasekusekweni kwehlabathi.

⁹³ Yaye yayilufele lwegusha; wazithabatha wabajulela zona ngaphaya kwetyholo, wabaxelela ukuba "Zisongeleni ngezi zinto, nibuye, namnkele."

⁹⁴ Ingathi ke ndiyabona u-Adam no-Eva bezithatha ezo zinto zinegazi, iimfele ezimtyibilizi bezijijela ngazo. Ungayicinga loo nto! Leyo ithandekayo, loo mizimba mihle yabo bantu babini bagqibeleleyo, ngoku isongelwe ngofele lwegusha olunegazi. Ingathi ndiyababona bemi phaya ngaphandle.

⁹⁵ UThixo wathi, "Adam, ngenxa yokuba uphulaphule inkosikazi yakho endaweni yaM, ngoko, ndakuthabatha eluthulini, uyakubuyela eluthulini ke."

⁹⁶ Nokuthi, "Eva, ngokuba uphulaphule i—in-yoka endaweni yaM, kuba, ubuzise ubomi...uthabathe ubomi behlabathi, kuyakunyanzeleka ukuba uzise ubomi ehlabathini. Ndiyakukwandisa ukubulaleka kwakho, umnqweno wakho ube sendodeni yakho," njalo njalo.

⁹⁷ Wathi ngoko, "Nyoka, ngokuba uyenzile lento, ubuhamba umi nkqo..." Yayingesosirhubuluzi. Yayisisilo, ihamba ngokuthe nkqo, ikrele-krele kunazo zonke izilwanyana zasendle. Ndingqineleni, siSibhalo eso. Yayihamba ngokumileyo, njengomntu, yaye yayimlukuhlile umfazi. Waze Wathi, "Ngenxa ke yokuba uyenzile loo nto, iyesuka imilenze yakho, uyakuhamba ngesisu sakho, yonke imihla yobomi bakho. Ukudla kwakho ibe lithuli."

⁹⁸ Khona ngoko wawukho; umgwebo. UThixo kwanyanzeleka ukuba agcine umgwebo waKhe, kuba Wayewuthethile. Kwaye

Yena unguThixo; akanako ukuwujikela. Umelwe kukuba eme...Ukuze abe nguThixo, uThixo unyanzelekile ukuba agcine iLizwi laKhe. Injalo loo nto.

⁹⁹ Ngoku apho ingathi ndiyambona loo Eva mncinci, akujonga ku-Adam, ezo nwele zinde zakhe zigwangqa zihle ngomqolo wakhe. Lawo makhulu, akhanyayo amehlo aluhlaza awayekhangeleka okwesibhaka-bhaka, apho uThixo wayebenze khona, iinyembezi zisihla; zisiya kutsho kwezo zinxibo, ezazityibilika zisihla ukujikela emzimbeni kuye, u-Eva. U-Adam, naloo mzimba wakhe womeleleyo, wambamba woyama esifubeni kuye, nazo ke iinyembezi, zixubana, zisihla, njengoko zaziphumela kwiimfele zegusha, igazi lithontsiza. IGazi, kuyo yonke indlela. Nantso ke!

Ngoku Wathi, “Nimelwe kukumnka eBusweni baM.”

¹⁰⁰ Ingathi ndiyambona u-Eva no-Adam, iingalo zabo zibambene, behamba, beshukuma *ngolu hlobo*, ezo zikhumba zegusha zidala zijijele imilenze yabo, zinegazi, zibetha emilenzeni yabo. [UMzalwana uqhweba iizandla kanye—Mhl.]

¹⁰¹ Ngoku ndisibona sonke eso sithuba, sona sasinguThixo. UThixo akazange abe nasiqalo samihla, siphelo samihla. Ungunaphakade kanaphakade. Ndisibona sonke eso sithuba sikhulu siqala ukushukuma sihlanguana *kanje*, sisihla ngokompongo obunxa-ntathu, sehla ke kanye seza phantsi, ekuqaliseni kwaKhe ukwalama eso sibini sincinane sasisihla sinqumla egadini e-Eden, iimfele ezinegazi zibathwaxa emilenzeni. Akazange abe nakumelana naloo nto. Yaze loo nto yehla, owu, yaya kuyishukumisa kanye kwintliziyo kaThixo ngokwayo, yabhala uthando l-o-v-e, “uThixo walithanda kangako...” Wayengenako nje ukubanyamezela ukuba bemnke.

¹⁰² Wababiza ukuba babuye, wathi, “Ndiyakumisa ubutshaba phakathi kweMbewu yakho nembewu kaSathana.” Loo nto ke yenziwa, kwakuseKalvari; apho uThixo ngokwaKhe wehlayo ngomfazi, wazalwa yintombi esesebuntombini.

¹⁰³ Indlela endinokukhe ndithande ngayo ukuhlala apho kancinane nje, e-Eden. Qaphela ekugxothweni kwabo bekhutshwa egadini kwakungenxa yesigqitho. Zonke iintsikelelo zanqanyulwa ngenxa yesigqitho.

¹⁰⁴ Yaye ndiyacinga, ngokuhlwanje, ukuba nantso into engundonakele kwiBandla. Zonke iintsikelelo zinqanyulwe ngenxa yesigqitho. Nantso ke.

¹⁰⁵ Bakhutshwa egadini yase-Eden! Ngoku ndifuna ukuba uqaphele, naku kusiza...ngethuba likaKayin no-Abheli, oonyana ababini baka-Adam no-Eva, bavela besiya kwenza idini.

106 Ndiyakholwa ukuba iKerubhi enkulu yayikwicala langasempuma nesango, neloo Krele litshawuza lisiya emva naphambili, ilondoloze eloo sango lalingena e-Eden. Qaphela, uMlilo, uMlilo kaMoya oyiNgcwele ulondoloze isango.

107 Kwaye, namhlanje, yiloo nto elondoloze isango. Ukuba uyawoyika uMoya oyiNgcwele noMlilo, awusayi kungena. Linomlilo, iKrele likaThixo! UThixo unguMlilo odlayo, olondoloze loo Mthi, ulondoloze loo Mthi woBomi.

108 Kwaye ngoku qaphela, ngoku, ngumfanekiso omhle lo. Owu, bethu! Ingathi ndiyambona u-Adam . . . okanye uKayin no-Abheli, gxebe, besebenza nzima ngoku, okanye bephuma ukuya kunikela idini. Ndiyakholwa ukuba bakha isibingelelo sabo kanye esangweni, eTroneni, apho babenokukhonza khona.

109 Qaphela, naku kusiza uKayin. Ngokuqinisekileyo wasebenza unyaka wonke, esebenza nzima, esenza yonke into awayenokuyenza ukuze afumane awona makhulu ama-apile, kungenjalo amathanga amakhulu kakhulu, okanye nokuba yayiyintoni na awayenayo wayinyusela esangweni. Wakha isibingelelo kanye ecaleni kwesango, Phambi koThixo. Wabeka zonke iziqhamo zakhe, neenyibiba ezinkulu nayo yonke into, wazibeka phezu kwesibingelelo ngendlela elungeleleneyo, waguqa phantsi wanqula uThixo.

110 Ngoku ndifuna ukuba u . . . ndiyathemba ukuba ingena nzulu iye kufika ezantsi lento, ngendlela engazange ingene ngayo ngaphambili, ude uyifumane, yabona. Ngoku qaphela.

111 Ukuba uThixo wayefuna kuphela ukuba uhambe inkonzo, uKayin wayefana kanye nje nokuba wayenjalo u-Abheli. UKayin wakhela iNkosi isibingelelo. Yabona, “Ke, Mzalwana Branham, andenzi loo nto nje kuphela, ndenza nedini. Ndihlawulela ukumiselwa kwamabandla kwamanye amazwe, yaye ndi . . .” Ezo zinto zilungile. Zona zilungile. Kodwa uThixo ubiza okungaphezu koko.

112 UKayin wayenza loo nto, okwakhe. Yabona? Wezisa idini. Wanqula iNkosi. Waguqa phantsi wadumisa iNkosi, wathi, “Nkosi, ndim lo. Ndim lo, yaye ndiKuzisele umnikelo. Ndakhe isibingelelo.” Amen.

113 Ngamazwi amaninzi kangako, “Ndililungu lenkonzo.” Ingaba yafikelela emazantsi loo nto? Khangela. “Ndililungu lenkonzo. Ndiyakholwa kuWe.” Izakuya kufikelela amazantsi ngoku. Mayihle ngokunzulu ngenene. “Ndilikholwa kuThixo. Ndakhe isibingelelo. Ndizise idini. Yaye ndim lo, Nkosi. NdiyaKudumisa.” Waze uThixo Wayinikela umva loo nto. Kunjalo.

114 “Ukuze ngentsasa yePasika,” njengoko umlungiseleli wesi sixeko etshilo, “uyazi ukuba ndenza ntoni na, mshumayeli, ngentsasa yePasika?”

Ndathi, “Yintoni?”

Wathi, “Ndixelela abakuthi, ndibanqwenelele i ‘Krisimesi eMyoli.’”

Ndathi, “Ngoba?”

Wathi, “Andiyi kuphinda ndibabone kude kube yiPasika elandelayo.”

¹¹⁵ Wonke umntu uyaphuma ngePasika, kuphelele apho, athenge iminqwazana emitsha, nempahla ezintsha. Inakuthanani ke loo nto noKristu? Owu! Yaye kuyakubakho izigidi zeedollar ezichithwayo kulo nyaka, ngomso, kwingingqi nje yobuProtestanti, kwiinyibiba, iintyatyambo inyibiba ezinkulu ezintle; lungu ngalinye liyakufika liyibeke phezu kwesibingelelo. UThixo akakhathalele nyibiba phezu kwesibingelelo. Ufuna wena phezu kwesibingelelo. Hayi inyibiba. Hayi idini lakho. Nguwe umfo omelwe kukuba phezu kwesibingelelo. Nango ke umahluko. Kukubeka oko kufunwa nguThixo phezu kwesibingelelo, nguwe ke lowo.

¹¹⁶ Ngoku ndifuna ukuba uqaphele ukuba, olo ludwe, yayinguSathana ekuKayin lowo. Ke qaphela ukuba kwaloo . . .

¹¹⁷ Ngoku lento imelwe kukunenza nizive nonwabile, abanye benu bangabahambi nabantu abasecaleni kwendlela. Kwaye simelwe kukuba mhlawumbi sithi, “Ke, ndinqwenela ukuba sibe besinokwenza *oku* ebandleni lethu, senze *okuya*.” Yanelisekani. Haleluya! Kungcono ndikhonzele kwigumbi elidala kwindawo ethile ngemva engxingweni, ndibe noThixo kuloo ndawo, kunokuba kwiholo enkulu uThixo engekho kuyo. Injalo loo nto. Ngokuqinisekileyo. Kuloo ndawo! Wayeyindoda elusizana. Qaphela. Ngoko wezisa umnikelo wakhe, wenza njalo uKayin, wawubeka phezu kwaloo ndawo. Ngoku, qaphela, wayevela kumlibo kaSathana, ngokuba wayelindele ukuba uThixo awamnekele, ngokuba wawusisiqhamo esihle, into ethile eyenziwe nguye, ngokwakhe.

¹¹⁸ Yaye abantu abaninzi kakhulu bathi, “Ke, ndingowonqulo oluthile olwahlukileyo. Ndi—Ndinikela kuMnqamlezo oBomvu, ndize ndinikele kwimibutho yokwenzela inceba. Ndinikela emabandleni. Uthini ngaloo Nto, Mzalwana Branham?” Ilungile loo nto.

¹¹⁹ Kodwa, “Engathanga azalwe ngokutsha umntu, akasayi kungena eBukumkanini.” Yiqaphele loo nto.

¹²⁰ Ezoo zinto zokwenzela abantu ububele zilungile, kodwa ngaphandle . . . Asikabi yiyo indlela ebonelelwe nguThixo leyo. UKayin weza ngeyakhe indlela. Yaye abaninzi, ngokuhlwanje, beza ngendlela eyeyabo.

¹²¹ Awunako nokuyiqikelela. Kuba, ukuqikelela akunako noku . . . Inginga zakho azifanelekanga. Awufanelekanga ukuba uYicinge. Ukuba ubunako ukuYicinga, Ibingasayi kuba lukholo olo. Ufanele kukuyinikela ngokholo.

122 Ngoku, uthi, “Mzalwana Branham, uthetha ukuba ndimelwe kukuba ndihle ndiye phaya ndi—ndizaliswe nguMoya oyiNgcwele ndiqhube njengokuba besenza abanye bonke?” Ukuba ulindele ukuba ube kunye nabanye bonke, yenza njalo. Kuphelele apho. Ewe, mhlekazi. Kuphelele apho. Ungathabatha . . .

123 UNahaman wayenaloo nto naye. UThixo waxelela umprofeti, “Mxelele, ‘Hamba untywiliswele izihlandlo zibe sixhenxe.’”

124 Wathi, “La manzi akacocekanga ngokungcono na engcono?” Kodwa kwakufuneka amanzi aseYordane; akhangeleka emabi kakhulu ngamanye amaxesha.

125 Kodwa ndinqwenela ukuba mntu ngamnye olapha ngokuhlwanje angakhangela eKalvari, nakoko wadleka kona uThixo, kwishumi elinethoba lamakhulu eminyaka eladlulayo. Uze uphakamise isandla sakho, uthi, “Ndiyakuthabatha indlela kunye nabambalwa abadelekileyo beNkosi?”

126 Uthi, “Ndingenelele kwaba bafo wathi uMzalwana Thom . . . okanye omnye wabo ba‘ngabaqengqeleki abangcwele?’”

127 Mzalwana, ndilijikelezile ihlabathi, ngokusondeleyo mhlawumbi kumatyeli amathathu, yaye andikamboni umqengqeleki ongcwele. Hayi, mhlekazi. Ndibubonile ubungcwele, koko ingengabo abaqengqeleki abangcwele. Elo ligama umtyholi alincamathisele kwiBandla. UThixo uthe, “Ngaphandle kobungcwele, akukho mntu uyakumbona uThixo.” Ungazilinganisa ke, kuloo nto. Nantso indlela kaThixo.

128 Uthi, “Abantu abakhalayo bakhwaze, baqhubele phambili?” Mzalwana, nantso into ekuyiyo. “Kuba,” utsho, “loo nto, loo nto ikhangeleka iyimpambano, kum.”

129 Naso isizathu sokuba umelwe kukuba uzalwe ngokutsha. Xa uzelwe ngokutsha, ngoko Ayisayi kuba yi “mpambano.” Uyakuba kunye nathi. Ubecinga ngaloo ndlela ucinga ngayo, ngaxesha lithile kulungile.” Babecinga ngaloo ndlela ucinga ngayo, bade bangena kuYo, okwabo. Yinguqu, kukuguquka. *Ukuguquka* kuthetha u“kutshintsha” nantoni na. Yaye ngaphandle kokuba umntu afe kwisiqu sakhe . . . athi, “Nkosi, akukho ndiyaziyo ngale nto. Thabatha mna nje.” Amen. Ngoku uThixo uyakuyenza loo nto. Yabona?

130 Ngoku, uKayin wathi, “Ndandlale konke oku.” UThixo wakwala. Wayenza yantle kakhulu loo nto.

131 Yaye mhlawumbi ucinga, “Ke, ndiya kwinkonzo yokuphuma kwelanga; ndizakuba nomnqwazi omtsha.”

132 Intombazana ethile ngelinye ithuba yayiza kucula enkonzweni yam. Yaze yathi, “Mzalwana Branham . . .” unina wayehlamba impahla phezu kwesitya sokuhlambela, ukuze aphile. Kwaye kwanyanzeleka ukuba abe nomnye wabo oyaku “jija” iinwele zakhe, uyazi.

133 Yintoni leya, yimanicure? Okanye yintoni niyibiza ngokuba yintoni laa nto, nokuba yintoni na laa nto ezinweleni zakhe? Ndiyazi ukuba yinto engalunganga leyo. Andikwazi kulikhumbula elaa gama layo. Andazi kakhulu ngayo. Tony? [Kukho umntu othi, “Hayi. Yipermanent.”—Mhl.] Yipermanent, ngaphakathi kuyo, yayiloo nto.

134 Yaye kwakufuneka inezo zinto ezinweleni kuyo phambi kokuba ibe nokucula ekwayaleni. Lwabe usizana oludala olungumama wayo lihlamba phaya kwisitya sokuhlambela, ukuze babe nokuphila. Ekunyukeni kwayo ukuya kufumana ipermanent yayo, ndaze ndathi andiyivumeli ukuba icule, kuba yayingakulungelanga ukucula xa isenza loo nto kuzo. Kulungile!

135 UThixo makasincede sicoce iipulpiti, nakanjani na. Nantso ingxaki kwihlabathi namhlanje, kwelayo...?...Phulaphula, mzalwana. Ndikholwa kuhlobo lwakudala lwamava esingesi, phaya kude ematyholweni, apho uxhwitha khona kuphume zonke iingcambu zobukrakra, uwuphethule umhlaba, injalo loo nto, utyale imbewu.

Ngoku qaphela ngoku, uKayin, wayecinga, “Ubuhle.”

136 Bacinga, “Ke, ngoku, inkonzo yethu! Siyakwakha inkonzo entsha.” Ilungile loo nto. Yonke into yeyobuhle, ilungile, ukuba niyakuyithabatha neNkosi uYesu kunye naloo nto. Ngoku ukuba nje ungafumana Yena kuqala, nguYe oyakuhoya yonke enye into kuleyo.

137 Omnye umntu wathi, “Mzalwana Branham, ukholwa ukuba le ntombazana imelwe kukuza esibingelelweni, ikhangeleka olu hlobo?”

138 Ndathi, “Mzalwana, liyathwasa ihlobo. Yonke laa mi-oki ikhuhlayo ilapha ngaphandle, ngamnye kuyo, unawo amagqabi kuwo kanye laa ubunawo kubusika obuphelileyo. Kodwa akufuneki siphume siye kuwaxhwitha loo magqabi esuke, ukuze kube nokuphuma amagqabi amatsha kuwo. Vumela nje ubomi obutsha bunyuke, amagqabi amadala ayakuwa esuke.” Injalo loo nto. Amen.

139 Phulaphula. Ndingwenelela ukuyithetha lento, nayo. Ukuba igqabi elidala aliwi, oko kubonisa ukuba uBomi obutsha abukafiki. Ungandiqumbeli ngoku. Ndithetha ngoYesu. Kulungile. Injalo loo nto. Kulungile.

140 Khangela oko wadleka kona uBawo wethu waseZulwini. Khangela oko Wakwenzayo ngoku.

141 Nanko ke uKayin esiza, wawenza ke umnikelo wakhe. Wanqula. Waya enkonzweni. Ulunge kanye njengokuba enjalo omnye lo umfo.

142 U-Esawu ikwayinto enye. U-Esawu, ngokwesimilo sakhe, wayengcono kunokuba wayenjalo u-Yakobi, elinene ngokungaphezulu! Wayemthanda utata wakhe; nezinto awazenzayo! Kodwa uThixo wanyula uYakobi.

¹⁴³ Qaphela ngoku xa u-Abheli weza kwenza owakhe umnikelo, ke, yaba ngumahluko kakhulu ukuza kuka-Abheli. Naku kusiza u-Abheli. Akazange asebenze, akazange azame ukufumana eyona nkonz o inkulu edolophini anokuya kuyo. Akazange azame ukufumana elona qela lilungileyo labantu anokuzimanya nalo. Amen. Wathabatha nje into awayenayo weza. Kuphelele apho. Wayengumalusi wezimvu. Ngoko waya nje ngaphaya wabamba imvana, wayibopha... Ndiyakholwa babengenayo kwantambo ngaloo mhla, ngoko kunokuba wathabatha umdiliya wawujijela nje entanyeni yayo.

¹⁴⁴ Kodwa yayithetha ngantoni loo nto? BaMkhokelela eKalvari. Yayinguye iMvana. Uthi, “Kwakutheni ukuze Azalelwe esitalini?” Ke, amatakane akazalelwa ezindlwini. Azalelwa ezitalini. Yaye akhokelelwa... bamkhokelela ekuxhelweni njengemvana. Baze baMkhokela bemnka naye, beMkhokela bemnyusela eKalvari. WayeyiMvana kaThixo, amen, ukusukela ekusekweni kwehlabathi. Ndakucinga ngaloo nto, apho. Nantso imvana encinane ka-Abheli isiza. Nantso isiza iMvana kaThixo.

¹⁴⁵ Ndakuyicinga loo nto, intliziyo yam iyaphethuka nje iphinde iphethuke. Ndakucinga, mna, ihlwempu ndingafanelekanga, umoni ongahloneli thixo, ndisifa ndingenaThixo, ndingenaKristu, ndisehlabathini, kungekho themba! Kwaze kwathi ngexesha elifanelekileyo uKristu wafa endaweni yam, Oyena mhle, wadelwa waliwa, ukuze mna ndamkeleke emehlweni aKhe. Endaweni yam! Owu! Andikwazi nje ukudlula kuloo nto. Andikwazi nje ukuyiqikelela eyokuba Wayenokundenzela njani na loo nto. Ndandingubani mna? Ngoko, uthi, “Ingaba Wayenzela wena loo nto?” Ewe.

¹⁴⁶ UMoya oyiNgcwele weza, wandizingela wandifumana, ngenye imini, wathi, “Wayenzela wena loo nto,” yaye ndakholwa kuYe. Ndakholwa kuYe. Ewe, mhlekazi. NdamaMnkela, ndaze ndafumanisa ukuba kwakunjalo. Akunamsebenzi nokuba abantu bathi babe yintoni na, “babengabayibaxayo,” okanye nokuba yintoni na ababeyiyo; ndakholwa kuThixo. Ndaze mna... Waze Yena wenza kanye oko Wayekuthethile.

¹⁴⁷ Ndiyambona u-Abheli omncinane. Mkhangele ngoku. Bethu! Ndiyambona u-Abheli ehamba esiya kuthabatha le ntsontelo yomdiliya incinane, waphuma wabamba imvana encinane eliduna, eyokuqala kunina olithokazi elidala, wayiginyela lo mdiliya entanyeni. Nanko esiza, eyirhuqa. Kungekho buhle bungako kuloo nto, bukho? Eyitsala eyinyusela apho. Waze waya kuyibeka phezu kwelitye elikhulu, elihleli apho ngasempuma kwesango. Ngoku qaphela.

148 UKayin ngeliphandle wabulaleka unyaka wonke ngokusebenza, ukuze avelise esona siqhamo sibalulekileyo wayenokusivelisa, ecinga ukuba wayenokumkholisa uThixo ngaloo nto.

149 Kwaye abantu abaninzi, bathi, “Ndizakuyeka ukuxoka. Ndizakuyeka ukuba. Ndiza kuyeka ukutshaya. Ndizakuguqukela ekubeni ndibe kudidi olungcono lwabantu. Ndizakungena kumbutho othile.”

150 Yiyo le ke! UThixo akakhathali ngokutyhila kwakho iphepha elitsha. Ufuna ukuba ujikele intliziyo yakho kuKristu, ibe nguYe owenza into ngawe. Hayi loo nto inokwenziwa nguwe. Akungamisebenzi mihle ukusindiswa kwethu, koko kungenceba yaKhe esithengwe ngayo. “Kungengamisebenzi, hleze kubekho bani uqhayisayo.” Kuba thina—kuba abakaThixo ngokuba...Asikoko ndikuko okubalulekileyo, asikoko ndikwenzayo, ngokwam. Koko uKristu, ekuThixo, wandenzela kona wakwenzela kona nawe.

151 Qaphela, umzekeliso omhle. Nanko esiza, etsala eli takane lincinane, elitsala ehamba nalo. Ingathi ndiyambona loo mfo mncinane esiwa, kubonakala ukuba wayesazi ukuba kusondela ntoni na, ezirhuqa iinyawana zakhe. Umzekelo ogqibeleleyo kaKristu erhuqa umnqamlezo, iMvana kaThixo isihla inqumla eJerusalem, isiwa, iphelelwe ngamandla.

152 Nantso isiza intwana encinane, ikhala endleleni. Waze akufika kulwalwa olukhulu, wayibeka phezu kwelitye, wathabatha ilitye elibukhali...Andazi, ndiyaqonda ukuba babengenazo iimela ngaloo mihla. Wayingqengqisa ngaloo hlobo. Wayibamba ngesixhanti sayo, wayitsala wayinyusa *kanje*, wathabatha ime-...kungenjalo ilitye, waqala ukugxava umqalana wayo, laqala nelitye ukubetha lingene emqaleni wayo. Yafela phezu kwelo litye imvana, isopha, ikhala, igazi litsaza, imithanjani emincinane yayo ikrazukile, igazi libhabha kuyo yonke indawo. Uboyana bayo obumhlophe bankxuzeka babomvu ngoko ligazi. UThixo wakhangele ezantsi eseZulwini, wathi, “Yiyo leyo. Ngoku uyifumene. Nantso ke indlela.” Igazi litsaza kwimithambo yayo emincinci.

153 Yayiyintoni? OkukaNyana kaThixo, kwishumi elinethoba lamakhulu eminyaka eyadlulayo, ngale njikalanga. Wakhokelwa ekhutshwa entolongweni. Wathathwa wasiwa kwisihlalo somgwebo; ukusuka apho, wasiwa kwiholo yokutyatyulwa; ukusuka apho, wenyuselwa eGolgotha, warhuqwa enyuswa induli. USimon, waseKirene, eMncedisa ukuthwala umnqamlezo. Apho ke, wafa, phezu kweLiwa laPhakade, iGazi laKhe limpompoza ukuphuma kuYe. Umzimba wakhe utyatyulwe. Haleluya! Izikhohlela ezikhulu ezidala zokutshica kwamajoni anyelisayo zisebusweni baKhe. Waze Wathi, “Ukuba uBukumkani baM ibibobeli hlabathi,

bendinokumcela uBawo waM, Ebeya kuNdinika amabutho eeNgelosi abeya kuza aNdilwele. Kodwa asiboBukumkani baM obu.”

¹⁵⁴ “Kodwa uBukumkani baKho mabufike. Intando yakho iyakwenziwa.” Yaye oko kuyakuba kwakutshanje. “Ubukumkani baKho mabufike. Intando iyakwenziwa.” Owu, bethu!

¹⁵⁵ Xa uBilly Sunday watshoyo, ngaxesha lithile, ukuthi, “Kumthi ngamnye kwakuhleli iiNgelosi,” eyathi, “Khulula nje isandla sakho sikhululeke ukhombe ngomnwe wakho, nantso kuphela into omelwe kukuyenza. Siza kuwuphendula umbuzo apho phantsi.” Bethu, asiyonyaniso leyo!

¹⁵⁶ UKayafa wajonga ngapho, wathi, “Wabasindisa abanye; isiqu saKhe Akakwazi kuzisindisa.” Yaye kokona kunconywa kukhulu kwakhe kwenziwa kuYe. Ukuba WayeZisindisile, Wayengenako ukubasindisa abanye. Ngoko Wanikela ngobomi baKhe, ukuze Abe nokusindisa abanye. Haleluya! Amen.

¹⁵⁷ “Thina sonke salahleka njengeegusha; uThixo waMwela ngobugwenxa bethu sonke. Wakhokelwa ngokwegusha esiwa ekuxhelweni; wakhokelwa ngokwegusha, esisidenge, phambi kwabachebi bayo, akawuvula umlomo waKhe. Ukanti Yena uhlatywe ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwakhe; ngemivumbo yaKhe siphilisiwe.” Ungalumangala njani uthando olunjalo olungenamlinganiso? UkuMbona Ehamba njalo egxadazela enyuka ithambeka lenduli; elusizi, emncinane, ephelelwe ngamandla, umzimba ongaxalala ogobe phantsi komthwalo!

¹⁵⁸ Ndinga ngembongi xa yayihleli apho ngaloo mini, yathi krwaqu kuloo nto, yaze yabhala.

Phakathi kwamawa anikezelayo nesibhaka-
bhaka esifiphalayo,
UMsindisi wam wathoba intloko yaKhe wafa;
Ikhusele elivulekileyo lavula indlela
Yokuya kwimivuyo yeZulu nomhla
ongenasi-phelo.

¹⁵⁹ Onjani yena uMsindisi! Owu bethu! Singaze sithini, ndingathini mna, ukwala uthando olunjalo ukungabi namlinganiso, lwaLowo Wayenokwenzela loo nto mna nawe?

¹⁶⁰ Ndiyathemba, kusihlwanje, mzalwana, dade, ukuba uyakuza. UThixo, yayiyindlela ebonelelwe nguThixo leyo. Yindlela yakho leyo. NguLowo kuphela Onokuba nayo nantoni na yokwenza nawe. Nguye Lowo owathabatha indawo yakho. Nguye Lowo omileyo ngokuhlwanje, enguMhlanguli ovusiweyo, emi kwisandla sokunene sikaYise, ngokuhlwanje;

ekubona ecenga ebongoza wonke umoni okwesi sakhiwo ngokuhlwanje, ukuba eze kuYe. Ndiyathemba ukuba uyakuza. Ndiyathemba ukuba awusayi kuyivumela le—le iPasika idlule.

¹⁶¹ Zihlobo ezithandekayo, sisekupheleni kwendlela. Ndiyakholwa ukuba silapho, ngentliziyo yam yonke. Sifikelele ezantsi ekupheleni kwendlela. Yanga iNkosi uYesu inganisikelela. Yanga Ingakwenza isidalwa esitsha kuYo, ngokuhlwanje, ngumthandazo wam lowo. Yanga Ingakukhokela. Ngaxesha lithile e . . .

¹⁶² Kwakukho indoda eyimfama eBhayibhileni, engu—nguBartolomeyu ngegama. UBartolomeyu imfama yakudala, wayenamahobe amancinane amabini, sixelelwa oko zezembali. Ukuba la mahobe ayedla ngokuphuma ajikeleze kancinane elinye phezu kwelinye, abantu baze ba—babambe eyawo . . . Wayephakamisa indebe yakhe, ukuze xa—xa abantu babedlula, babeye babukele laa mahobe mancinane angamavukuthu esenza oko kundanda kuncinane, baze ke bagalele imali ezingqekembe kuloo mngqibi uyimfama yakudala. Wayeyindoda etshatileyo enentombazana encinane. Wayengazange ayibone loo ntombazana incinane, ebomini bakhe. Yayimalunga neshumi elinesibini leminyaka, ishumi elinesine leminyaka ubudala, kwesi sigaba siza kungena kuso kobu bomi ngoku. Yaye wayehleli . . .

¹⁶³ Ngobunye ubusuku, kuthiwa intombazanana yakhe yagula, waze waya eNkosini. Waze wathi . . . “Nkosi, ukuba nje Ungayiphilisa intombazanana yam, ndiyakunikela ngamahobe am amabini kuWe, ngomso.” Ngoko Wathi, “iNkosi yayiyiphilisa intombazanana yakhe, waze wanikela ngaloo mahobe mabini. Emva kwethutyana eyakhe . . .

¹⁶⁴ Into yokuqala uyazi, inkosikazi yakhe ethandekayo yagula yaze yacinga ukuba yayiza . . . Bacinga ukuba yayiza kufa. Ngoko uyaphuma uya eNkosini ebusuku, eyiphampatha indlela ahamba ngayo ecaleni kodonga lwendlu yakhe. Waguqa phantsi edlelweni, wathi, “Thixo, Thixo, ukuba Uyakubusindisa ubomi benkosikazi yam, ngomso ndiyakunikela ngegushana yam kuWe.”

¹⁶⁵ Ngoku, nakhe nababona abantu abazimfama bekhokelwa yinja namhlanje. Bayaziqeqesha ezo zinja ukuba zibakhokele. Ngaloo mihla, babeqeqesha iigusha ukuba zikhokele abantu, ngoko wayene—wayene—netakane elalimkhokela limjikelezise.

¹⁶⁶ Waze wathi, “Nkosi, ukuba Ungayiphilisa nje inkosikazi yam, ke, ngoko, ngomso ndiyakunikela ngegushana yam kuWe.” Yaze yaphila inkosikazi yakhe.

¹⁶⁷ Ngosuku olulandelayo ke wayenyuka esiya etempileni, waze wathi umbingeleli omkhulu, uKayafa, wema wathi, “Bartolomeyu oyimfama, uyaphi?”

168 Wathi, “Ndiyenyuka ndiya etempileni, Owu mbingeleli omkhulu, ukuya kunikela ngemvana yam. Ndithembise iNkosi, ukuba ukuba Inokuphilisa inkosikazi yam, ndiyakuyinika imvana yam.”

169 Wathi, “Awunakuphisa ngalaa mvana, Bartolomeyu, ngokuba yilaa mvana engamehlo akho.” Wathi, “Ndizakukunika imali, ukuze uzithengele imvana kubathengisi abasetempileni.”

170 Kodwa uBartolomeyu wathi, “Owu Mbingeleli omkhulu, andimthembisanga imvana uThixo; ndiMthembise *le* imvana.” Owu, bethu!

171 Ingaba wakha wazenza izithembiso ezinjalo. Ukuba ubona iMvana eyanele konke ngokuhlwanje, ucinge, “Nkosi, ukuba Uyakwenza ukuba ndiphile, ndiyakukuthembisa ndiyakukhonza Wena; ndiyakwenza yonke into endinokuyenza. Ukuba Uyakwenza ukuba usana lwam luphile...” Okanye, xa wawumi umama wakho esihla engena engcwabeni, kungenjalo utata wakho okanye lowo umthandayo, “Owu Thixo, ndiyakuhlangana naye, ndiyakubuya ndihlangane naye!” Ingaba eneneni wawunyanisile ngaloo nto. Ingaba kule Pasika iyakufika iphinde ihambe ngaphandle kokuba uzalisekise oko Wakuthembisayo.

172 Wahamba waqhubela phambili enyuka wanikela ngegusha yakhe. Wabuya, kukho umntu omkhokelayo emjikelezisa.

173 Ngoku wathi ngoko, akubuya, wathi, “Bartolomeyu, awunakuyenza laa nto.” UMbingeleli owayeye kuthabatha le mvana, wathi, “Awunakuthabatha le. Awunakunikela ngale mvana.” Wathi, “Bartolomeyu oyimfama, uyazi ukuba le mvana ingamehlo akho?”

174 Wathi, “Ewe, ndiyayazi loo nto. Kodwa ndithembise uThixo, yaye uThixo uyakubonelela ngemvana yamehlo kaBartolomeyu oyimfama.”

175 Kungekudala emva koko, wayegodola esengqeleni, ngenye imini; beva ingxolo. UThixo wayebonelele ngeMvana yamehlo kaBartolomeyu imfama. Weza ngesitrato. Wathi, “Yingxolo yantoni le?” Kubakho ingxolo esiqhelweni apho Akhoyo. Wathi, “Yeyantoni yonke le ngxolo?”

Wathi, “UYesu waseNazareth, othile, uyedlula.”

176 Wayiphosa phantsi ibhatyi yakhe, engajonganga ukuba iye kuwa phi na; akazange akhathale ngoko. UThixo ubonelele ngeMvana. Waya ngqo kwiMvana wathi, “Owu Yesu, Wena nyana kaDavide yiba nenceba! Yiba nenceba!”

177 Abantu abazizityebi nabo babemi kufutshane, ukuze basondele kumprofeti kukumkani; wathi, “Owu, thula, Akanakuze akuve.”

Wakhala kanobom ngokungaphezulu.

¹⁷⁸ Abanye babo bathi, “Iintsuku zemimangaliso zidlule. Akukho nto injengaleyo yaloo mhla.”

¹⁷⁹ Wakhwaza ngokuphakamisa kakhulu, “Wena nyana kaDavide, ndenzele inceba! Yiba nenceba kum.” UThixo wayebonelele ngeMvana.

¹⁸⁰ Kwaloo Mvana wabonelela ngaYo ngenxa yamehlo kaBartolomeyu imfama, Wakubonelela nawe; kwishumi elinethoba elininto lamakhulu eminyaka eyadlulayo, namhlanje, ekunyukeni kwaKhe iGolgotha, phaya ngaphesheya, waZinikela, watyunyuzwa waxatyelwa ngokufanayo.

¹⁸¹ Phulaphula, sihlobo. Khumbula, u-Abheli waphuma waya kungena kumhlambi wakhe wafumana imvana, wayixhelela phezu komqobo wesibingelelo. Yaye... [Yindawo engenantu le ekhasethini—Mhl.]... ngcono uyifumane lento ngoku. U-Abheli wafela kwaphezu kwelo liwa yafela phezu kwalo imvu yakhe.

¹⁸² Ingaba ukulungele, ngokuhlwanje, ukufa kwisiqu sakho? Ingaba ukulungele ukufa uphele kuzo zonke iingcinga zakho? Ngqengqa nje phezu kwelitye, neMvana yakho ilapho, ufe uphele. Uthi, “Owu Thixo, yiba nenceba.” Ndakucinga ngamadoda nabafazi abacinga ngekratshi, amadoda aselula nabafazi ayakunikela ubomi babo ezintweni! Indoda eseyikhulile, nayo, icinga ngomsebenzi wayo nangodumo lwayo nangobumelwane bayo, okanye into elolo hlobo!

¹⁸³ Owu, kutheni ungakhasi unyukele phaya eKalvari, ngokuhlwanje? Haleluya! Uvume ubomi bakho buxatyelwe buphume, ufe kweliya cala phezu komnqamlezo kunye naYe. Uziphose ngaphaya izandla zakho kwi “Liwa laPhakade, wakrazulwa ngenxa yam, mandizifihle kuWe. Xa kusondela, amanzi akudala egquma, ngeli thuba uqhwithelo lusephezulu, ndifihle, owu, Msindisi wam, ndifihle. Malenze nantoni na elifuna ukuyenza ihlabathi. Izifundiswa zezakwalizwi mazenze nokuba yintoni na eziyifunayo; andifuni mfundo yazo yezakwalizwi. Into endiyifunayo nguYesu Kristu entliziyweni yam. Mandife kunye neMvana yam.”

¹⁸⁴ Owu, ndiyazi ukuba kwakunzima kanjani na ngoba busuku xa ndahamba ndaya kungena kwelo ziko lemfundo lidala labantu abantsundu phaya ngaphesheya, babe bonke abahlobo abamhlophe bemi jikelele apho, bathi, “Nanko esiya kungena kwiziko lemfundo labantsundu.” Kwakunzima. Ndenyuka ndaya apho ndininto eninzi yekratshi laseKentucky ngaphakathi kum, ngolo hlobo, kodwa uThixo wathi, “Ukuba uYawufuna, hamba uyokungena kanye phaya.” Yaye ndahamba ndaya kungena ngaphakathi phaya ndaguqa phantsi esibingelelweni, ndaze ndahlala apho yade iMvana... Ndfa kubuntu obudala, uBill Branham, kumashumi amabini eminyaka eyadlulayo. Haleluya!

185 “Ndabethelelwa kunye noKristu. Ukanti ndiyaphila; ingendim, koko inguKristu odla ubomi ngaphakathi kwam.” Ngamhla uthile kolu vuko lobuqaqawuli, xa Abuyayo, umzimba wam mhlawumbi uyakube uphumle phantsi kwegade phaya ngaphesheya. Kodwa kwakwenzeka oko, niyakuyibona ingca ibuya umva yaye ndiyakuphuma, ndikumfuziselo wakhe omkhu wobuqaqawuli baKhe, ecaleni kwabaninzi babo, haleluya, kuba ndiMazi eseMandleni ovuko lwaKhe.

186 Ndiyathemba ukuba yiloo nto eyakwenziwa nguye wonke ubani, ngokuhlwanje, ukukhasela kanye ngaphaya phezulu eGolgotha, ngokuhlwanje. Masithabathe uhambo oluncinane ngoku.

187 Ngeli thuba, uyakusipha isingqi, ukuba unako, dade, sika*Nearer, My God, To Thee*. Ngeli thuba thina si . . .

188 Uthi, “Ngumngcwabo lowo.” Ewe, mzalwana, ukuba kwakuke kwakho ixesha esiswele umngcwabo ngalo, lingoku kanye, xa abantu banokufa kwiziqu zabo nekratshi.

189 Masithobe iintloko zethu, ngokuzolileyo ngoku, ngeli thuba esipha isingqi esincinane, ukuba kuyakulunga.

190 Owu Thixo owu, ndakucinga ngoko kwenzeka phaya ngaphesheya! Aha! Namathambo am ayagexa, kukucinga! Ndicinga ngokubona lo Mvana, xa baYixabelayo, ewe, babeka amava kwintloko yaYo bayityhala beyiwisa. Amajoni atshicela ebusweni kuYo, athi, “Wena Kumkani, ngoku makubekho into oenzayo ngaloo nto.”

191 WayengumProfeti wabaprofeti. Babeka iingubo ebusweni kuYe, baMbetha kwintloko yaKhe, ngengcongolo, bathi, “Ngoku profeta, sixelele ukuba ngubani na oKubethileyo.”

192 Kodwa umprofeti wathi, “Akazange awuvule umlomo waKhe.” Wayesele eyixelile.

193 Babopha izandla zaKhe emva kwaKhe. Bemela, kude benesabhokhwe esikhulu, baMqhwaba zade iimbambo zaKhe ezinexabiso zavela emqolo kuYe; iGazi lishihla ecaleni kuYe, lithontsizela emhlabeni. NdiyaMva ehamba ngoku; igazi liphuma kwiimbada zaKhe likratyaza. Yayingu-Imanuweli lowo. YayinguThixo, iGazi likaThixo.

194 Yaye ndibabonile bethabatha, bebeka umqolo waKhe phezu komnqamlezo; lowa wakudala unamaqhuma, ugadalala, umnqamlezo ogadalala. Nguye loWo ke ehamba, ethwele wanqamlezisa kuloo mqolo ubuhlungu, esihla ephumela Esitratweni ehamba. Indimbane ekhwazayo, ihlekisa ngaYe, “Nanko ke uMprofeti omkhulu. Nanko loo Yesu mkhulu ehamba. Nanko laa Mphilisi uNgcwele.”

Kodwa UyiNkosi yam! Owu Thixo, ndi . . .Ma ndinyuke kunye naYe.

¹⁹⁵ NguYe lowo ehamba, enyuka induli. Ndibona oselula, umfazi onxibe ngokungagqibekanga, ebaleka ejikela, ehlekisa. Izithandwa zabo ezingabafana, begonene nazo, njengoko benyuka induli. Mzalwana Ward, ayikaguquki kakhulu loo nto nangoku.

¹⁹⁶ Ndiyawabona amalungu abalulekileyo enkonzo, esithi, “Khangela, ngulaa Mfo ke wayezakuchitha-chitha inkonzo yethu; eshumayela ngokuchasene nomlungiseleli wethu. Kodwa umprofeti wathi kunyanzelekile ukuba kube lolo hlobo. WayeyiMvana kaThixo.

¹⁹⁷ NdiyaMbona njengoko Ejika intloko yaKhe, amathe omtshico etyibilika esihla ezindeveni zaKhe. Ejijela amehlo aKhe ewabhekisa phezulu eZulwini; encwina, ehamba kancinane ukuya phambili.

¹⁹⁸ Nkosi, ngokholo, ndifuna ukuhamba loo ndlela ngoku kunye naYe. Ndifuna ukuMbambazela eMqolo, ndithi, “Nkosi, ndizakuma apha. Ndixelele nje emandiyenze, ndiyakuyenza. Indlela endinombulelo ngayo kuWe, Nkosi!”

¹⁹⁹ Phaya ngaphesheya phezu kwenduli, bakuMbeka phantsi, batsala izandla zaKhe ezinexabiso bazibuyisa umva. Ezoo zandla zazimelene nomkhuhlane; ezoo zandla zathi. . . kuloo nkwenkwe yaloo mhlolokazi ulusizana, zakuchukumisa ibunzi layo, kungenjalo ibhokisi yomngcwabo eyayilele kuyo; yabuyela ebomini.

²⁰⁰ Yena Lowo Wabuyisela uDorkas ebomini kwakhona. Yena Lowo Wabizela intombi kaYayiro ebomini. Yena Lowo Wathi, “Lazaro, vuka.” Loo milebe iyopha ngoku, yomile, iyakhala.

²⁰¹ Njengoko izikhonkwane ezikhohlakeleyo ziqhutyelwa ukuba zingene ezandleni zaKhe nasezinyaweni zaKhe! “Bagqobhoza izandla zaM neenyawo zaM,” watsho umprofeti, kumakhulu asixhenxe eminyaka ngaphambi kokuba kwenzeke oko. Yayiyintoni na? YayiyiMvana ka-Abheli. Nabo beMjulela phantsi emhlabeni, inyama ikrazuka. Umzimba wakhe olusizana ungancangazela.

Wathi, “Ndinxaniwe.” BaMnika iviniga.

²⁰² Benza amaqashiso baphoxisa, bahlekisa ngaYe, bathi, “Msebenzi ndini wemimangaliso emikhulu, makubekho into oyenzayo ngale nto ngoku.”

²⁰³ Kodwa isibhaka-bhaka saqalisa ukuba mnyama, yaqala ukulanyaza imibane. UThixo wayefihla ubuso baKhe; Wayengenakumelana naloo nto kwakhona. Owu Thixo, sinokuba siyinto ekhohlakele kangakanani isono! Sikhohlakele kangakanani, sikhohlakele kangakanani, xa sabangela ukuba Lowo uxabisekileyo enze loo nto. Ngokokude Ahlawule elinjalo ixabiso wade uThixo ngokwaKhe wafihla ubuso baKhe. IiNgelosi zaqgubuthelisa ubuso bazo zajika, ukuze

zilile kunye naYe. Inyanga neenkwenkwezi azizange zibe saqhubela phambili. Zazingenakuba saba nakukhanya. Kwalo Thixo wazidalayo wayesifa emnqamlezweni. Waza Wathoba intloko yaKhe.

²⁰⁴ Phambi kokuba Enze loo nto, Wakhangelela ezantsi apho kwabo bantu babedlalela ingubo yaKhe amaqashiso, ukuzalisekisa oko kwathethwa ngumprofeti. Wathi, “Bawo, baxolele; abayazi into abayenzayo.” Yonke into iseluthandweni, iMvana ka-Adam, iMvana ekubonelelwe ngayo nguThixo, exhelwe kwasekusekweni kwehlabathi. Apho Yafa, ingenamhlobo, ishiywe nanguThixo ngokwaKhe. UThixo, kwaye, ngoko, uYise waKhe ngokwaKhe, waMshiya; esopha.

²⁰⁵ Ukanti, siyajikela sihleke, sichwayite, ngokungathi akukho nto yenzekayo.

²⁰⁶ Owu Thixo, yayilelo Gazi! Xa phaya ngaphesheya esibhedlele ugqirha wathi, “uyafa,” yayileloGazi elandiphilisayo. Umoni omncinane wakudala wenkwenkwe eyayibaleka apha esithubeni, yayileloGazi elaxolela izono zam. Yayilelo Gazi elathabatha . . . elandikhupha kwindawo yokurheletya endandiphila kuyo, landimisa landenza unyana waKho. Owu, . . . ? . . . NeMvana efayo, iGazi laKho elinexabiso! Ndigcine ndikufutshane emnqamlezweni, Nkosi.

²⁰⁷ Ngumbono wam lowo. Nantso into ekuyiyo phaya ngaphesheya, uthando, yonke intliziyo ebalulekileyo kaThixo isihla apho. Yaye bonke abezayo ngakuYo abasayi kwaliwa. Bayakwamnkela bebonke uBomi obunguNaphakade. “Lowo uzayo kuM Andisayi kukha ndimlahlele phandle.”

²⁰⁸ Thixo, wanga wonke umntu ngamnye olapha angagoduka, kusihlwanje, enalento engqondweni yakhe, yokucinga ngokuba, “Elinjani lona iDini! Yaba zezinjani iindleko ukuhlangula? Kwamdla htoni uThixo?” Akuzange kusidle kwanto thina. UThixo kwamdla uNyana waKhe. UThixo kwamdla elona xabiso liphezulu. Kwadla uBomi baKhe uKristu. WayenguMfiyo waseSharon; kodwa xa ufuna isiqholo siphume kuMfiyo, uyawutyumza uphele. Ubomi bawo obuhle uyabutyumza, enguMfana onamashumi amathathu anesithathu eminyaka ubudala, ukuze sibe nokuphila.

²⁰⁹ Ngokusondela ngokukhulwana, Thixo wam, kuWe! Hlala nam, Nkosi. Hlala nam. Ukuze ndakufika ekupheleni kwale ndlela, ubomi bam buphela, Nkosi; wanga Yena, Owafa apho, angasondela kum ngoko. Wanga wonke olapha anganjalo naye.

²¹⁰ Ngomso, Nkosi, okanye ngomso omnye, sizakungwaba umfazi omncinane okhe wahlala apha kule nkonzo ngaxesha lithile, ephulaphule intshumayelo. Wazi konke ngaye ngoku. Ukuba ebezile, ukhuselekile. Ukuba akakhange eze, kuphelile ngaye.

²¹¹ Owu Thixo, yiba nenceba. Yanga yonke indoda nomfazi, njengoko bephuma kwesi sakhiwo ngokuhlwanje, ukuze bagoduke; bangahamba, becinga nzulu, “Akukho nto ndinayo ezingalweni zam; ndibambebele nje ngokulula kumnqamlezo waKho.” Wanga mntu ngamnye angafa phezu kwaloo mnqamlezo.

²¹² Nkosi, ngeli thuba ndilapha epulpitini ngokuhlwanje, esi sakhiwo sincinane sesamente, ndiyabunikezela ubomi bam kuWe. NdiyaKubulela ngoko Undenzele kona. Yaye ndizinikezela ngokutsha, ngobu busuku besikhumbuzo sokubethelelwa kuWe. Ndithabathe, Nkosi. Ndixolelele, zonke iziphoso zam neenkathazo. Ndenze ndomelele ndibe namandla, Nkosi, kuMoya kaThixo, ukuze ndibe nokuzuzela Wena imiphefumlo.

²¹³ Sikelela eli bandla ke, kuba oku sikucela eGameni laKhe. Xolela wonke umoni. Wanga ungabuyisela wonke ongumkreqi.

²¹⁴ Ngeli thuba zijonge phantsi iintloko zethu, yaye wonke umoni oyindoda nongumfazi olapha ngaphakathi khona ngoku, amakhwenkwe namantombazana amancinane, ninonke. Abanye kuni abafana abaphaya ngasemva, kwanyanzeleka ukuba ndithethe nani kabukhali, ngobunye ubusuku. Andikuthandi ukuyenza loo nto. UThixo azisikelele iintliziyo zenu. Nisenokuba nacinga ukuba uMzalwana Branham wayengqwabalala, kodwa ndi—ndiyanihanda. Ndakhe ndahlala kuloo ndawo niqala kuyo. Ndiyazi ukuba iyintoni na; naso isizathu sokuba ndibe ndiyithethile loo nto, ukuze ndibone ukuba aniyi kusuka niyithande na iNkosi yethu. Ndithandazeleni, thandazelani ukuba eli ibelithuba lokuzinikezela kum. Abanye kuni boomama nootata, bantu badala, yenzani eli xesha libe lithuba lokuzinikezela, kanye ngoku, aninakwenza njalo? MaMnkele angene entliziyweni yakho. Kholwa kuYe ngawo wonke umphefumlo wakho.

²¹⁵ Ngoku iintloko zethu zisathotywe, ingaba ukho umntu oyakuthanda ukukhunjulwa emthandazweni? Ukuba uyakufuna ukukhunjulwa, phakamisa nje isandla sakho, uthi, “Mzalwana Branham, ndikhumbule. Ndifuna ukusondela ngakumbi kuThixo.” Kulungile, ngamaqela ezandla.

²¹⁶ Bawo, bakhumbule bonke. Ndiyathandaza ukuba Usiphe oko; bayakuba noxolo. Njengoko iinyembezi zisihla ngezidlele zethu zithontsiza apha, kunye nezam, epulpitini. Abanye babo baneetshefu. Abanye babo, bakhulu, amadoda akhangeleka enezoso, amadoda agadalala alapha, ahleli apha phambi kwam, iinyembezi zisihla ebusweni kuwo ngezo zidlele zinemibimbi. Samnkele, Nkosi. Xolela wonke umntu kuthi okuBukho obuNgcwele balento. Thixo othandekayo, ngokuhlwanje, sixolele, Nkosi, abancinci nabadala. Sanga singasindiswa ngaloo Mhla, sithathwe sisiwe eBukumkanini baKho, kuba oku sikucela eGameni laKhe. Amen.

217 Ngoku ningema ngeenyawo zenu, ngokuzolileyo. Ngoku iintloko zenu zigcineni zithotyawe nje. Ngokuzekelela:


Ukusondela, Thixo wam, kuWe, ukusondela
kuWe;
Nakuba ingumnqamlezo ondinyusayo;
Iculo lam lisaya kuba . . .

218 [UMzalwana Branham uthandazela abantu ngokuzolileyo—Mhl.] “Thixo, Thixo waM, Thixo waM, UNdishiya ngani na?” Yiza, Nkosi, sikelela ezi ntliziyo. [UMzalwana uBranham uqhubela phambili ukuthandazela abantu.]

219 Aninakuthi nje, ngentlonipho, ngaphandle kokuthetha naye nabani na, konke, ngaphandle kokuthetha nelizwi elinye elingaphezulu, nisishiye isakhiwo, ngokuzolileyo, ngoku, niye kumakhaya enu. Uguquke nje uye ekhayeni lakho. Ungakhange uthethe lizwi, uguquke uphume. UThixo anisikelele.

220 [UMzalwana Branham uyanqumama njengoko ibandla liqalisa ukusishiya isakhiwo ngokuzolileyo, ngeli thuba i-organ nepiyano ziqhuba zidlala u-*Nearer, My God, To Thee*—Mhl.]

221 “Thina sonke salahleka njengegusha; iNkosi yaMwela ngobugwenxa bethu sonke. Kodwa wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, Watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwaKhe.” . . . ? . . . “Ke thina besiba Ungocinezlwayo, wabethwa, wahlutshwa.”

222 [UMzalwana Branham uqhubela phambili ukuthandazela abantu ngokuzolileyo, ngeli thuba i-organ nepiyano ziqhuba zidlala u-*Nearer, My God, To Thee*—Mhl.] 

UKUKHOHLAKALA KWESONO NESOHLWAYO EKWAXABISA

SONA UKUSUSA ISONO KUBOMI BETHU XHO53-0403

(The Cruelty Of Sin, And The Penalty That It Cost To Rid Sin From Our Lives)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngokuhlwa Lwesihlanu lwePasika, umhla we-3 ku-Epreli, wowe-1953, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2004 ngabe:

©2004 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org